Ikamva-Ukunonophela abantwana bethu

IsiFundo ngezoNqulo iKlasi 2

Isihloko sesifundo: UYesu ubhiyozela uMthendeleko oNgcwele

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo ngezoNqulo 2 esithi **“UYesu ubhiyozela uMthendeleko oNgcwele”**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela **Qaphela:** 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (umzekel. SS, RI okanye Isiqinisekiso). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. **Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Umphathi webandla wesikolo seCawa noTitshala bayafumaneka ukunceda.

Isifundo

Isihloko seSifundo	UYesu ubhiyozela uMthendeleko oNgcwele
Isicatshulwa seBhayibhile	Marko 14: 12-26; Mateyu 26: 17-30; 1 Korinte 11: 23-29 no Yohane 6: 53-57
Injongo yesifundo	Abantwana bayayiqonda intsingiselo yoMthendeleko oNgcwele.

Isishwankathelo sesifundo:

- Kwiminyaka eyadlulayo, uThixo wacela abantu bakwaJuda ukuba babhiyozele isidlo sePasika kubekanye ngonyaka besenzela ukukhumbula indlela abasindise ngayo ekufeni. Oku kusabhiyozelwa nanamhlanje.
- Isidlo sibandakanya imvana, isonka esingenagwele (isonka esingenagwele), umhluzi owenziwe ngamayeza akrakra kwaye ikhatshwe yiwayini.
- Esi sidlo sabhiyozelwe nguYesu kunye nabafundi bakhe abalishumi elinambini.
- Ngeli xesha lesi sidlo, uYesu wabhiyozela uMthendeleko oNgcwele wokuqala kunye neshumi elinanye labafundi bakhe. Funda kuMarko 14: 12-21
- Logama babesidla, uYesu wathabatha isonka, wabulela, wasiqhekeza, wanika abafundi bakhe, esithi: "Lo ngumzimba wam owanikelwa, oku kwenzeleni ukundikhumbula."
- Wayithabatha nendebe, wabulela, wabanika bona, wathi, “Selani kuyo nonke. Kuba ligazi lam lomnqophiso omtsha, eliphalala uxolelo lwezono. Oku kwenzeleni ukundikhumbula. Andisayi kuphinda ndisele wayini ndide ndiyisele nani eBukumkanini bukaBawo.
- UYesu waqalisa uMthendeleko oNgcwele kunye naBapostile bakhe kunye namagama athi "Kwenzeni oku nikhumbula mna”, uYesu wabanika igunya lokuba babhiyozele uMthendeleko oNgcwele.
- Ngokuhamba kwexesha, uMthendeleko oNgcwele wayeka ukuba sisenzo sokubhiyoza waba yisakramente ngaphakathi kwinkonzo yobungcwalisa. Funda imbali ekwiphepha lama-55 leNcwadi yoMsebenzi kaRI 2.
- Isonka, senziwe ngomgubo namanzi, sisonka esingenagwele esinamathontsi amathathu ewayini, kunye nonobumba wokuqala nowokugqibela unobumba besiGrike phezu kwaso. UYesu nguAlfa wethu no-Omega, isiqalo nesiphelo, owokuqala nowokugqibela.

Ukulandelelana kweziganeko kuMthendeleko oNgcwele:

- Sicula iculo lenguquko
- Sithandaza ngokunyaniseka kuMthandazo weNkosi kwaye sicela uThixo ukuba axolele izono zethu.
- Amazwi entsikelelo ayavakaliswa kwaye sifumana uxolelo lwezono zethu.
- Sifumana uxolo lwaLowo waVukayo, uYesu – ngoku sikhululwe esonweni kwaye sixolelaniswe noThixo, sizimisele ukutshintsha koko kungamkholisiyo uThixo. Ngokwenza konke oku siyafaneleka ekufumaneni uMthendeleko oNgcwele.
- Iiqebengwana, isonka newayini, zingcwalisiwe. Ngale ntsikelelo, umzimba negazi likaYesu ziyafumaneka kuyo.
- Isikhonzo sobumbingeleli ngoko sihambisa isonka esingcwalisiweyo ngala mazwi, "Umzimba negazi likaYesu zanikelwa ngenxa yakho." Kulapho sinobudlelwane noYesu Krestu kunye nomnye.
- Siphendula ngokuthi, "Amen" sibonisa ukuba siyakholwa kuyo yonke into enxulumene noMthendeleko oNgcwele.

Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Umthendeleko oyiNgcwele wokuqala wabhiyozelwa nguYesu kunye nabafundi bakhe
- Ngamazwi athi, "Kwenzeni oku ukukhumbula Mna ', uYesu wanika abafundi igunya lokuba babhiyozele uMthendeleko oNgcwele njengoko wenza njalo.
- Umthendeleko oNgcwele ubhiyozelwa kwinkonzo nganye yobungcwalisa kwaye ingemnye yeesakramente zethu. UThixo uyazixolela izono zethu.
- Sikukhumbula umbingelelo kaYesu ngokuthabatha inxaxheba ngokufanelekileyo kuMthendeleko oNgcwele.
- Umthendeleko oNgcwele ngumbhiyozo wovuyo, indumiso kunye nombulelo.
- Sinombulelo kuba uYesu wanikela ngobomi bakhe ngenxa yethu, ngoko sinako ukuxolelaniswa noThixo size sifumane ubomi obungunaphakade.
- Ngobudlelane obungcwele sinesiqinisekiso sokuhlala kuYesu kwaye naYe uhleli kuthi.
- Umthendeleko oNgcwele ukhulisa ulwazi lokuba uYesu uyakukugqibezela oko ebekuqalile kwaye uza kubuya aze asiphuthume.

Yenza uMsebenzi kunye nomntwana wakho.

Impendulo kuMsebenzi:

UYesu – ukusikeleleka – abafundi – umzimba – indebe – ukusela – igazi – ukuxolelwa

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Kwakutheni ukuze isidlo sePasika sibhiyozelwe ngamaYuda?
   Impendulo: UThixo wawacelela ukuba abhiyozele iPasika njengesikhumbuzo sendlela abasindise ngayo ekufeni
2. Ngubani owasungula uMthendeleko oNgcwele?
   Impendulo: NguYesu Krestu
3. Kwakutheni le nto uYesu wasungula uMthendeleko oNgcwele?
   Impendulo: Wayefuna ukuba sikhumbule umbingelelo wakhe ukuze thina boni sixolelaniswe noThixo size sibe nobomi obungunaphakade
4. Ukuze uMthendeleko oNgcwele ube nefuthe kubomi bethu, kufuneka sithabethe njani kuwo?
   Impendulo: Ngokufanelekileyo
5. Ngubani owaguynazisa ukufafazwa amathontsi amathathu ewayini ezintathu kwaye kwenzeka nini oko?
   Impendulo: YiNtloko yabaPostile uNiehaus ngo-1917
6. Ingaba unobumba wokuqala nowokugqibela wesiGrike okwisonka soMthendeleko ubhekisa kubani na?
   Impendulo: UYesu nguAlfa no-Omega, isiqalo nesiphelo, owokuqala nowokugqibela

Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho, Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe, Amen